URhulumente weNtshona Koloni
EzeMfundo

2019 The Year of the Learner
Developing a Values Mindset

WCED transform to perform



IIMVIWO ZESATIFIKETHI SEMATRIKI SIKAZWELONKE (NSC) NGONOVEMBA 2019

IMIHLA EBALULEKILEYO:

- Ukubhengezwa kweziphumo zeemviwo zeNSC zango-2019: UMphathiswa kazwelonke uya kubhengeza iziphumo zikazwelonke nezephondo ngoLwesibini we-07 Januwari 2020 ngo-18h00
- ISebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) liya kuzibhengeza iziphumo zabaviwa ngabanye ezikolweni ngoLwesithathu we-**08 Januwari 2020 ngo-12h00**
- Iziphumo zinokufunyanwa ngokungena kula maziko ewebhu eSebe iWCED: **https://www.wcedonline.gov.za nge-08 Januwari 2020 ngo-12h00**
- Umhla wokuvala wokumakishwa kwakhona nokutshekishwa kwakhona kweencwadi zeempendulo: **22 Januwari 2020**
- Umhla wokuvala ukubhalisela iimviwo zokuxabangela zeNSC zangoMeyi/Juni 2020: **31 Januwari 2020** (Iifom zokufaka izicelo ziya kufumaneka ezikolweni nakwiziko lewebhu leWCED: **https://www.wcedonline.gov.za**)
- Iimviwo zokuxabangela zeNSC zangoMeyi/Juni 2020: **Ezibhalwa nge-29 Apreli ukuya kwi-12 Juni 2020** (Ithayimthebhile iseza kuqinisekiswa)
- Ukuthathwa kwezatifikethi zeemviwo zeNSC zango-2019 ezikolweni: Juni 2020

UYACELWA UZITSHEKISHE IINKCUKACHA ZAKHO BUQU KWINGXELO YEZIPHUMO ZE-NSC YAKHO UZE UCELE UKU-LUNGISWA KWEEMPAZAMO ZINGADLULANGA IINTSUKU EZIYI-21 EMVA KOKUBHENGEZWA KWEZIPHUMO

- Qinisekisa ukuba onke amagama akwisazisi afakiwe kwingxelo yeziphumo
- Tshekisha ukuba igama (amagama) nefani zipelwe ngokuchanekileyo
- Tshekisha ukuba uchanekile na umhla wokuzalwa/wesazisi oprintiwe na kwiziphumo
- **Makuqatshelwe:** Iimposiso zezolawulo ezifana nezi zinokulungiswa kwithuba leenyanga ezintathu emva kokubhebgezwa kweziphumo

Ukuba kukho naziphi na iimpazamo kwiziphumo, makuqhagamshelwane noNdlunkulu yaye makabekho la maxwebhu alandelayo:

(a) Ingxelo yeziphumo zangoku
(b) Ikopi engqiniweyo yesazisi
(c) Ingxelo efungelweyo, echaza ukuba umngumnini osemthethweni wengxelo yeziphumo
(d) Mayixelwe ngokucacileyo impazamo emayilungiswe
(e) Makuzaliswe ifom yesicelo sokukhutshwa kwakhona kweengxelo yeziphumo

Ukumakishwa kwakhona/ukutshekishwa kwakhona kweencwadi zeempendulo

Umhla Osikiweyo: 22 Januwari 2020

Ngubani okufaneleyo oku?

- Abaviwa banokufaka isicelo sokumakishwa kwakhona nokutshekishwa kwakhona kweencwadi zeempendulo zabo ukuba banoluvo lokuba amanqaku abawanikiweyo kumaphepha abhaliweyo awayibonisi ngokuchanekileyo indlela abapase ngayo kwiimviwo.
- Ukumakishwa kwakhona kuthetha ukuba incwadi yeempendulo eyintsusa imakishwa okwesibini ngummakishi.
- Ukutshekishwa kwakhona kwencwadi yeempendulo yakho kukutshekishwa kwakhona okungaphezulu ukuqinisekisa ukuba yonke imibuzo imakishwe ngokufanelekileyo nokuba onke amanqaku abalwe ngokuchanekileyo.
- **Kukuthini ukufaka isicelo sokubona incwadi yempendulo?** Wakuba ufumene iziphumo zakho EMVA kokumakishwa nokutshekishwa kwakhona kweencwadi zeempendulo, unokufaka isicelo sokubona iincwadi zeempendulo zakho. Makufakwe isicelo ku-Christiaan.Klopper@westerncape.gov.za noxwebhu olububungqina bentlawulo yokubona iincwadi zeempendulo zakho.

Intlawulo

Ukumakishwa kwakhona =R112 (ngesifundo ngasinye)
Ukutshekishwa kwakhona = R27 (ngesifundo ngasinye)
Ukubonwa kweencwadi zeempendulo (kuphela emva ko-kumakishwa kwakhona nokutshekishwa kwakhona kwazo) = R219

Ndisifaka njani isicelo sokuba iincwadi zeempendulo zam zitshekishwe okanye zimakishwe kwakhona okanye zit-shekishwe khona?

Ibhanki::	Nedbank
Igama le-akhawunti:	WCED
Udidi lwe-akhawunti:	Current Account
Inombolo ye-akhawunti:	1452 045 089
Igama lesebe:	NEDBANK CORPORATE
I-Branch code:	145 209
I-Deposit reference:	15 +ID Number

Ndisifaka njani isicelo sokuba iincwadi zeempendulo zam zitshekishwe okanye zimakishwe kwakhona okanye zitshekishwe khona?

- **Aziyi kwamkeleka** iikopi ezingamaphepha zezicelo zokumakishwa kwakhona zeencwadi zeempendulo
- Makufakwe isicelo sokumakishwa okanye sokutshekishwa kwakhona kweencwadi zeempendulo kusetyenziswa iinkonzo zobhaliso ezikwikhompyutha (online registration services) apha www.eservices.gov.za.
- **Makuqatshelwe:** Ayimakishwa kwakhona i-Common Assessment Task (CAT) yeSifundo se-Life Orientation.
- Uyacelwa uqaphele ukuba ingxelo yeziphumo entsha iya kukhutshwa kuphela xa ngaba ziye zaphucuka zakumgangatho ophezulu iziphumo okanye xa ngaba iyatshintsha ireyithi yokupasa kwakho..

Makuqatshelwe: Abaviwa abafaka izicelo zokumakishwa kwakhona/zokutshekishwa kwakhona bacetyiswa ukuba babhalisele iimviwo zango-Meyi/Juni kwimeko yaxa kungekho kuphucuka komgangatho weziphumo zabo.

IIMFUNO EZIMISELWEYO ZOKUPASA IIMVIWO ZE-NSC

Kukho amanqanaba okupasa amane:

1. Isatifikethi i-Higher Certificate
2. I-Diploma
3. Ukupasela ukwenza isidanga sokuqala (okwakubizwa njenge-exemption ngethuba langaphambili)
4. Izatifikethi zeemviwo zeNSC – Ukupasa kwiMfundo eneeMfuno eziZodwa (Special Needs Education (SNE).

Iimfuno zokupasa imatriki kwinqanaba ngalinye kula alandelayo:

Iimfuno ezimiselweyo zokupasa nge-Higher Certificate

- Makafumane ubuncinane i-40% kuLwimi lweeNkobe
- Makafumane ubuncinane i-40% kwizifundo ezithathu
- Makafumane ubuncinane i-30% kwezinye izifundo ezithathu
- Makafumane ubuncinane i-30% ukupasa ulwimi lokufunda nokufundisa (LoLT)
- Makapase ubuncinane izifundo ezithandathu kwizifundo ezisixhenxe

Iimfuno ezimiselweyo zokupasa ngeDiploma

- Makafumane ubuncinane i-40% kuLwimi lweeNkobe
- Makafumane ubuncinane i-40% kwezinye izifundo ezithathu kungabandakanywanga i-Life Orientation
- Makafumane ubuncinane i-30% kwezinye izifundo ezithathu
- Makapase ubuncinane izifundo ezithandathu kwizifundo ezisixhenxe

Kwezi mfuno zokupasa zimiselweyo, unokufaka isicelo sokufunda idiploma kwi-Technical and Vocational Education and Training (TVET) college okanye kwiyunivesithi yethekhnoloji.

Iimfuno ezimiselweyo zokupasela ukwenza isidanga sokuqala

- Makafumane ubuncinane i-40% kuLwimi lweeNkobe
- Makafumane ubuncinane i-50% kwezinye izifundo ezine kungabandakanywanga i-Life Orientation
- Makafumane ubuncinane i-30% kwesinye isifundo
- Makapase ubuncinane izifundo ezithandathu kwizifundo ezisixhenxe

Iimfuno ezimiselweyo zokupasa ze-SNE

- Baya kufumana isatifikethi se-NSC esi-endosiweyo ukuba abafundi bayazithobela ezi mfuno zimiselweyo zokupasa zilandelayo:

(a) Yi-30% kulwimi lwaseburhulumenteni olufunekayo nokuba kukwinqanaba loLwimi lweeNkobe okanye kweloLwimi lokuQala oloNgezelelweyo;
(b) Yi-30% awona manqaku asezantsi kwezinye izifundo ezine.

Makuqatshelwe: Abaviwa abenza izifundo ezihlanu ubuncinane zeNSC ezinesatifikethi esi-endosiweyo mabapase ngo-30% ubuncinane kuzo zozihlanu izifundo ukufumana isatifikethi seNSC SNE esi-endosiweyo.

Makuqatshelwe: Zonke izifundo, kungabandakanywanga iSifundo seLife Orientation, ziya kuqwalaselelwa imfuno ezimiselweyo zokupasela ukwenza iDiploma/isiDanga sokuqala.

Abaviwa abangapaselanga ukwenza iDiploma okanye isiDanga sokuqala kwiimviwo zabo abazichopheleyo ngoku banako ukuphucula ireyithi yokupasa kwabo ukuba bayabhalisa baze babhale iimviwo zeNSC zokuxabangela zangoMeyi/Juni 2020. Iziphumo eziphuculweyo zinokudala utshintsho kwindlela ebebepase ngayo yaye kunokukhutshwa isatifikethi esitsha ngu-Umalusi.
Xa umfundi epasele ukwenza isiDanga sokuqala, unako ukufaka isicelo sokufunda isiDanga sokuqala kwiyunivesithi, kwiyunivesithi yethekhnoloji, kwi-TVET college okanye kulo naliphi na iziko lemfundo ephakamileyo elivunyiweyo.

Amanqanaba okupasa: Okuthethwa ngamanqanaba okupasa

- Inqanaba 7: 80 –100% (Uphumelele emagqabini)
- Inqanaba 6: 70 –79% (Uphumelele ngokuqaqambileyo)
- Inqanaba 5: 60 – 69% (Uphumelele kakhulu)
- Inqanaba 4: 50 – 59% (Uphumelele ngomndilili)
- Inqanaba 3: 40 – 49% (Uphumelele ngokwanelisayo)

Zeziphi izifundo ezinyanzelekileyo?

- Ulwimi lweeNkobe
- ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo
- i-Mathematics okanye i-Mathematical Literacy
- I-Life Orientation

Umele ukwenza ulwimi lwakho lokufunda nokufundisa (isiNgesi okanye isi-Afrikansi) njengolwimi lwakho lwezifundo zolwimi.

Onke amanqaku ovavanyo i-school-based assessment (SBA) marks afunyenwe ukususela ngo-2008 asemthethweni, yaye abafundi abaphinda izifundo ke ngoko kufuneka babhale kwakhona amaphepha abhalwayo.

INGCACISO YOBHALISO

Ubhaliso –iimviwo zokuxabangela zeNSC zangoJune 2020

- Izicelo ezingamaphepha mazingeniswe ungadlulanga owe-31 Januwari 2020

Imibuzo:
Ifoni: 021-467 2974/2936/2914/2732/2990/2917/ 2909/2941

I-imeyili:
Examregistrations@westerncape.gov.za

Iimviwo zangoMeyi/Juni 2020 zeNSC zokuxabangela zivuleleke kubo bonke abaviwa ababhala iimviwo zeNSC zangoNovemba 2019

NB: Inombolo yoncedo kwiimviwo (examination helpline) iyafumaneka ukuba unemibuzo apha evekini ukususela ngo-07h30 ukuya ku-16h00 apha:. (021) 467 2300 kude kube ngowe-31 Januwari 2020.
IZIPHUMO ZINOKUFUNYANWA KU-INTANETHI APHA: https://wcedonline.westerncape.gov.za NGOKUSEBENZISA IFANI NENOMBOLO YESAZISI